




# Lumka, Luthando!

Le ncwadi yeka

---









*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit [bookdash.org](http://bookdash.org).*

Lumka, Luthando!  
(Look out, Luthando)  
Illustrated by Hylton Warburton  
Written by Sue Boucher  
Designed by Sinomonde Ngwane  
Edited by Sarah Heron  
Translated by Sebolelo Mokapela  
with the help of the Book Dash participants in Durban on 29 October 2022.

ISBN: 9781776231065

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

**Attribution:** You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

**No additional restrictions:** You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

**Notices:** You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

**No warranties are given.** The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# Lumka, Luthando!

Sue Boucher · Hylton Warburton · Sinomonde Ngwane





“Mamela!” utsho uLuthando.  
“Uva ntoni?” uyabuza uSonto.  
“UMgqibelo.”  
“Uvakala njani uMgqibelo?”  
“Uzolile kunoLwesihlanu,” utsho uLuthando.  
“Bonke abantu basalele.”





“Kufuneka ndilungise igeyiti kaMakhulu namhlanje,” utsho uTata.





“Nabani na ozakundinceda ngokundiphathisa  
igrosari sigoduke ndizakumthengela  
iayisikhrimu,” utsho uMama.  
“Sizakukunceda, Mama,” batsho abantwana.





“Lumka, Luthando!”  
“Yhoo!”  
“Uyageza wena,” ahleke uSonto.





“Ndiva isithuthuthu,” utsho uLuthando.





“Akukho sithuthuthu apha,”  
utsho uSonto, elaqaza.





Sidlule futshu isithuthuthu.  
“Luthando, iindlebe  
zakho zibukhali.”







“Lumka, Luthando!”  
“Yhoo!” atsho uLuthando  
enyathela dyumpu  
esadungeni.







“Jonga indlela omanzi  
ngayo,” utsho uMama.





“UTata ubuyile.”  
“Wazi njani, Luthando?” uyabuza uSonto.





“Ndiva ivumba lokutya akuphekayo,”  
utsho uLuthando erhogola emoyeni.  
“Umhle nalapha ekunukiseni,” utsho uMama.



“Lumka, Luthando!”

“Itshuu!”

“Jonga apha uhamba khona,” utsho uMama.

“ULuthando akekho mhle ncam apha ekujongeni,” utsho uSonto.






“Ubona ntoni, Luthando?” kubuza  
umama onobubele.  
ULuthando uncina amehlo.  
Ubona amarhoqololo amnyama edongeni.





Anxibe iiglas i ajongisise.  
“Ndibona amagama,” utsho.  
“Kwakuhle ke!”





“Makhulu, jonga.”  
“Unxibe iiglas, utsho uMakhulu  
eqhwaba izandla zakhe.  
“Yantle loo nto. Khawundixelele  
ke ukuba ubona ntoni.”





“Ndibona izinambuzane  
neembovane nezigcawu neenyosi.  
Ndibona YONKE INTO ngoku.”







“Makhulu, ubuso bakho buqhekekile,”  
utsho uLuthando ephathaphatha  
ubuso bukaMakhulu.

“Hayi... Luthando! Ayikokuqhekeka oku.  
Yimigca esebusweni bam ngenxa yengugo  
nangenxa yokuhlekiswa zizo zonke ezi zinto  
zihlekisayo uzithethayo.”





“Musa...”





“Jonga, isadunge!” utsho uLuthando.

**Akusekho  
xesha!**



